# USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi kunye noNal'ibali

Joyina uNal'ibali kunye neNkosazana yase-Afrika, uYvonne Chaka Chaka, ekuhambiseni amandla ebali. Fundela abantwana obaziyo ibali lethu elikhethekileyo elisihloko sithi, *UNeo kunye nehlabathi elikhulu nelibanzi*, ngolu Suku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, lomhla wama-24 kweyoMdumba kowama-2016.



## Izinto ezi-8 ozizuza ngokufunda ngokuvakalayo

Ukufundela abantwana bakho ngokuvakalayo:

- kubabonisa ukuba uzixabisile iincwadi nokufunda.
- kukunika izinto onokuthetha ngazo kunye nabo.
- kwakha ukuqhogana nobudlelwane phakathi kwenu.
- kubavumela ukuba bakubone ukufunda njengento enomdla neyanelisayo.
- kubakhuthaza ukuba bafunde ukuzifundela ngokwabo, ukuze baqhubekeke befunda.
- kubabonisa indlela esifunda ngayo nendlela ezisebenza ngayo iincwadi.
- kwenza ukuba bakwazi ukonwabela amabali abangekakwazi ukuzifundela wona ngokwabo.
- kuphuhlisa isigama sabo kunye nezakhono zabo zolwimi.

### Indlela ongazibandakanya ngayo

Yiya ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ubhalise usapho lwakho, iklabhu yokufunda okanye isikolo sakho uze ube negalelo ekwenzeni uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lwalo nyaka lube ngowona mnyhadala wakhe wamkhulu eMzantsi Afrika!

## Imisetyenzana nemidlalwana emi-5 yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi

1. Fundela abantwana bakho kunye nabanye abantu ibali elisihloko sithi, *UNeo kunye nehlabathi elikhulu nelibanzi*, elikwiphepha le-2 nele-3. Ziqhelise ukulifunda ngokuvakalayo amaxesha ambalwa phambi kokuba ulifundele abantwana kwaye ukhumbule ukusebenzisa ilizwi elivakalisa umoya wovakalelo xa ufunda. Mhlawumbi xa ufundela abantwana abancinane kakhulu, unganqwenela nokusebenzisa imifanekiso kuba ulibalisa kwakhona ibali eli, uzama nokulenza libe lula ngawakho amazwi.
2. Khuthaza abantwana bakho ukuba balitolike ibali ngokubacela ukuba bazobe okanye bapeyinte imifanekiso yezona ndawo bazithande kakhulu apha ebalini.
3. Xa ninonke zibumbeleni umfanekiso-ntelekelelo ze niziqambele kwakhona omnye wemiboniso esebalini nisebenzisa izinto eninokuzifumana kokuningqongileyo. Ningenza umboniso ube ngathi ngowobomi bokwenene ngokobukhulu, okanye ube mncinane kangangokuba ubenokungena ebhokisini yezihlangu uphelele.
4. Yabelana kunye nabantwana bakho ngelona bali lobuntwana bakho owawulithanda kakhulu, kanye ngale ndlela uGogo enze ngayo kwibali lethu elikhethekileyo.
5. Ningamaqela yonwabelani ukudlala umdlalo weBali-kwiSangqa. Vumela ukuba wonke umntu ahlale phantsi, kwenziwe isangqa. Emva koko cela abantu abambalwa ukuba babe ngamavolontiya aza kuma embindini wesangqa. Abantu abahleli kwisangqa benza ibali leqela ngokumane bebolekisana ngokongeza isivakalisi esinye okanye ezibini apho ebalini njengokuba liqhubeka ngokujikeleza isangqa. Abantu abasembindini wesangqa bona, benza umdlalo weqonga osekelwe ebalini elo ngokokuqhubeka kwalo njalo.



# UNeo kunye nehlabathi elikhulu nelibanzi

Libali likaVianne Venter
Liguqulelwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile
Imifanekiso yekaRico

UNeo wakroba phandle ngefestile yegumbi lakhe, ejonge ubungwevu nokusibekela kwezulu nezantyalantyala zamanzi ezidame kweso sitalato sibonakala naso singwevu kwakunye nabantu abamanzi nababonakala bengwevu, bekhawuleza kuba bebaleka loo mvula ingwevu ibaxhaphazayo. Wayengakwazi ukuphuma phandle, kwaye wayesele emfundele zonke iincwadi zakhe uMbali.

Kanye ngelo thuba, kwangena uGogo, iinwele zakhe zivukuzwe ngumoya ovuthuza phandle. Wayephethe into ethile ngesandla. UNeo wayeyibona ukuba yinto ebusibaca, ebusikwere, nenemibala emininzi le ... kwaye iyavuleka – kanye oku kwetyesi enobutyebi!

"Le yayiyeyona ncwadi ndiyithandayo xa ndandisemncinane njengawe lo," uGogo wamxelela oko uNeo. "Lo yayingumnyango wam wokungena kwihlabathi elikhulu nelibanzi."

Emva koko, wavula incwadi leyo.

Kwiphepha lokuqala kwakukho umfanekiso wendawo yomlingo, ekude kakhulu nengafaniyo nale mini imbi nengwevu, isibekeleyo ayibona phandle. Ithafa laliluhlaza yaka, kuthe rhwelele imibalanyana ebugolide namdaka apha naphaya, phezulu kuthe gqume isibhakabhaka esihle, esikhulu nesizuba, kunye nelanga elishushu, elityheli, litshisa loo mhlaba uphantsi kwalo.

"Wowu! Ingaba le nto yinyaniso?" wakhuza uNeo.

UGogo wancuma. "Akuyazi na? Onke amabali ayinyaniso, ukuba uyakholelwa kuwo," watsho. Emva koko wolatha indawo kwelo phepha apho kwakuhamba khona inkwenkwana, engangoNeo lo kanye, inqumla ithafa.

Njengokuba uGogo eqhubeka nokufunda ibali, uNeo wawavala amehlo akhe wemkisela ngengqondo yakhe, wenyuka iinduli ... wanqumla loo mhlaba mkhulu nomdaka ngebala ... waya kutshona kwilizwe elikhulu nelibanzi.



Weva amazwi asethafeni.

"Phuma! Phuma!" yacula isitsho intakana encinane.

"Yimini entle le!" yatswina yenjenjalo nenyenzane.

"Yiza, yiza uze kudlala," wasebeza usitsho umoya phakathi kwaloo ngca inde.

UNeo wakhumbula imvula engwevu nenethayo, waze wazibuza ukuba ingaba kuloo meko angaphuma phandle kusini na. Kodwa ebalini, ungenza nantoni na oyifunayo. Kwakungekho mvula *apha*. Uthe ke ngoko, uNeo wahamba, enqumla ithafa.

Into yokuqala awayibonayo yayinde kwaye imdaka ngebala, inomzimba owomeleleyo nowenziwe ngokhuni. Yayineengalo ezinde nezimdaka ezazifikelela esibhakabhakeni, kunye nentloko enkulu ecekethekileyo neneenwele ezingamagqabi eziluhlaza nezazishukushukuma ziye ngapha nangapha kuloo mpepho ifudumeleyo.

"Molo," watsho uNeo ewathe gqa amehlo. "Uyintoni?"

"Ndingumthi. Ndibona konke okulapha kula mathafa mahle nabugolide. Gwencela unyuke uze kubuka kunye nam." Umthi wathoba waya kuye, waze uNeo naye wagwencela.



Kuloo masebe omthi apho phezulu, uNeo wayekwazi ukubona apho liphela khona ihlabathi. Kwaye kwakukho izinto ezininzi *kuyo yonke indawo*, kude phaya kunaye, kangangokuba wangenwa luloyiko akucinga ngazo zonke ezi zinto kwanendawo akuyo apha emthini.

Kodwa umthi wambamba wamkhusela, waze wamsebezela usithi, "Hamba uye kuhlola ilizwe. Musa ukoyika. Lihlabathi elimangalisayo, elikhulu nelibanzi eliya."

Ngoko ke, naye uNeo wehla emthini waze wahamba indlela yakhe, enqumla ethafeni.

Kungekudala uhlangene nesidulana sentlabathi eqinileyo nesinemingxuma, engathi yiminyangwana

Ukuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda

Nal'ibali
Konke kuqala ngebali...

www.nalibali.org www.nalibali.mobi nalibaliSA @nalibaliSA

emincinane. Wayesiva amazwi angathi sisigidi sabantu abaxakekileyo, kwaye kwakuvakala nezingqi zeenyawana ezincinane, ngathi kubaleka izigidi ezithandathu zabantu abaxakekile.

"Molweni! Ningoobani?" uNeo wakhwaza, ekrobe komnye waloo minyango.

"Molo!" kwaphendula ilizwana elincinane. "Siziimbovane. Sibalisa amabali ehlabathi elingaphakathi apha. Ingaba uyafuna ukuweva amanye awo?"

UNeo wayewathanda amabali, ngoko ke wahlala phantsi waphulaphula. Iimbovane zabalisa amabali azo asethafeni nasehlathini, kwakunye nawasezintabeni nawezixeko ezikude.

"Amabali kanti maninzi kangaka?" wabuza watsho uNeo.

"Ubuninzi bamabali buyafana nobuninzi beenkwenkwezi ezisesibhakabhakeni," zaphendula iimbovane.

UNeo wawangawangisa ngesandla, exelela iimbovane ukuba zisale kakuhle, lo gama yena aqhubeka nendlela yakhe, enqumla ethafeni.

Ekugqibeleni, uNeo wahlangana nomlambo oqukuqela amanzi, ukusuka kusasa ukuya ebusuku, unqumla kuloo ntlambo. UNeo wangena kuwo ezama ukuphozisa iinyawo zakhe ezishushu.

Amanzi atshiza iinyawo zakhe aze ahleka, "Ndingumlambo. Ndisuka ezintabeni ndiye elwandle. Yiza, ndilandele. Ndiza kukugodusa."



UNeo wacinga indlela ekungamnandi ngayo oko. Ngoko ke, wawulandela umlambo ukunqumla kuloo ntlambo naphakathi kwezo ntaba. Ekunye nomlambo lowo, bazula yonke loo mva kwemini phantse kwada kwasebusuku, de ekugqibeleni uNeo wafikelela encotsheni yenduli.

Phezulu apho, uNeo wayibona kakuhle idolophana encinane, ihlambulukile kukucocwa zezo mvula, yaze yamenyezeliswa lelo langa liqala ukutshona.



Emva koko umlambo wandyondya ngobubele, "Hamba ke ngoku, ugoduke. Kukho abantu abakuthandayo phaya emva, abalinde ukwabelana nawe ngamabali."

UNeo wehla endulini apho, wangena edolophini. Wabona izitalato ezixakekileyo ezinqumla idolophu, kanye njengomlambo lowo. Wabona izindlu, zifudunyezwe kukukhanya kokutshona kwelanga nokuqala korhatya. Ngaphakathi kwezo zindlu, abantu babexakekile, kanye njengeembovane ezincinane awayehlangene nazo.



Ekugqibeleni, uNeo wakroba efestileni apho wabona ixhegwazana elidala, elineengalo ezomeleleyo kunye neenwele ezifana namasebe omthi omkhulu, livala incwadi laza lathoba laphuza inkwenkwana encinane lisithi busuku benzolo kuyo.

UNeo wacinga ngethafa kunye nomthi, neembovane kwakunye nomlambo. Kwaye uthe xa ebukele eli xhegwazana, kwavela umnyama owakhanyisa ngemibala eqaqambe kakhulu loo ndlwana encinane, eyayikhangeleka ngathi ngumfanekiso osencwadini yamabali. UNeo wacinga ngamahlandinyuka akhe amangalisayo kumaphepha eyona ncwadi ithandwa nguGogo, waze wacinga ngaye noMbali ekhaya.

Zithe ke iingcinga zikaNeo zamthatha kuloo ncwadi, zamfaka ebhedini yakhe, kwigumbi lakhe elifudumeleyo, elikwindlwana yakowabo encinane.

Yiyo kanye loo nto ke, ekuthi ngalo lonke ixesha ihlabathi likhangeleka lisibekele okanye lingwevu, linganiki mdla, kwaye negumbi lakhe likhangeleka lilincinane kakhulu, uNeo evula incwadi. Ungena kumnyango ophakathi kuloo maphepha, aze ahambe aye kwihlabathi elikhulu nelibanzi.




## Yenza ibheji!

1. Sika ibheji ulandela umgcana ongamachaphaza abomvu.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilingana nebheji kwikhadibhodi ephecephece, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa into yokuncamathelisa eqinileyo ukuze uncamathelise umva wesipelitana ngasemva kwibheji yakho. Okanye ugqobhoze umngxunyana emantla ebheji ze ufake iwulu okanye umtya ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho xa ufunda okanye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

Sithumelele imifanekiso yabantwana bakho befake iibheji zabo zokufunda ngokuvakalayo. Yi-imeyilele ku-info@nalibali.org okanye uyipose kuFacebook!

## Malunga noNal'ibali



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Abantwana abangqongwe ngamabali amnandi nabaliswa kakuhle – kwaye ebaliswa ngeelwimi abaziqondayo – bayakhuthazeka kwaye bazimisele ukufunda ukuzifundela ngokwabo. Ukufunda ukuzifundela ngokwakho kuncamisa umxhelo kwaye sisiseko sophuhliso oluyimpumelelo lwelitheresi.

UNal'ibali wasekwa kwaye umiliselwe phezu kweemvaba zolwazi zakwaPRAESA (iProject for the Study of Alternative Education). Ngenxa yokhankathelo oluzinzileyo nolusisigxina kwakunye nentsebenziswano noluntu, iiklabhu zokufunda, imibutho yelitheresi kunye namavolontiya abudala bahlukileyo, kwakunye nephulo elinomdla lamajelo eendaba elixhaswa lihlakani elinguTimes Media, uNal'ibali unceda ukumilisela nokuqinisa inkcubeko yelitheresi kubomi bemihla ngemihla babantu boMzantsi Afrika.

Nal'ibali
Konke kuqala ngebali...

Ukuba usayinele ukufunda ngokuvakalayo, ungaphumelela enye kwezine iihempa zeencwadi zakwaBargain Books! Fumanisa ngakumbi ngoku ku-www.nalibali.org naku-www.nalibali.mobi.

Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org, www.nalibali.mobi okanye uthumele i-imeyili ku-info@nalibali.org.

Ungasifumana nakuFacebook okanye kuTwitter: @nalibaliSA.